basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE/**
**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

**XHOHL.2**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2020**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-26.**

# MORNING SESSION

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

WESTERN CAPE

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/Uncwadi lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali- 190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli, kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340-390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE**<br>**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| 1. 'Ithemba' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Intliziyo yam' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'A! Ngangomhlaba!' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Umyolelo wexhego' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: UNYANZELEKILE** | | | |
| 5. 'Amasele phezu kodonga' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. | | | |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**<br>**Phendula umbuzo OMNYE.** | | | |
| 6. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| 10. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |
| **ICANDELO C: IDRAMA**<br>**Phendula umbuzo OMNYE.** | | | |
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |
| 16. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 17. *Indlal'inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

**ITSHEKLISTI**

Sebenzisa le tshekhlisti ukuqinisekisa ukuba uphendule inani elililo lemibuzo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli/Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |


WESTERN CAPE

## ICANDELO A: ISIHOBE

### *IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**ITHEMBA – SEK Mqhayi**

Singenzani n' emhlabeni,
Sizuzeni n' elizweni,
Xa singenalo ithemba,
Intsusa yokusebenza?

Singakwenza n' ukulima,
Sikuyeke ukulila,
Singayifuya n' imfuyo,
Xa ithemba lingekhoyo?

Singaya na eNkosini.
Ehleliyo ebomini?
Inye nje indlela yayo,
Ikukuthemb' amandl' ayo?
Yen'omzimb'udiniweyo,
Ontliziyo ityhafileyo
Omoy' udakumbileyo.
Akanje na ngofileyo.

Makafundiswe ithemba,
Aphakanyiswe lithemba,
Limhambisele phambili,
Limngenise ezulwini.

Le nt' ithemba iyinzulu,
Kwezomhlaba kwezezulu;
Ongenathemba ufile;-
Siph' ithemba ze siphile.

Phicotha umongo wesitanza ngasinye sesi sicatshulwa sombongo phantsi komxholo wokubaluleka kwethemba.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama angama-190–240. **[10]**

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTLIZIYO YAM – C Nqakula**

Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo –
Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

Intliziyo yam lusindiso lwam;
Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
Kanti nakwezingendawo iyandisa.

Mandiyithini ke le ntliziyo,
Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

2.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1, onika intsingiselo yokuba intliziyo inecala elibi nelihle. (2)

2.2 Ngubani othetha kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.3 Chaza ukuba lutyhila ntoni ngendlela intliziyo esebenza ngayo uchasaniso olukwimiqolo we-11 nowe-12. (2)

2.4 Nika umxholo walo mbongo ngesivakalisi ESINYE. (2)

2.5 Ngqina uluvo lokuba isithethi sididekile kwikhaplethi yalo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**A! NGANGOMHLABA! – SEK Mqhayi**

**..................................**
NguSo-kugqononoza;
Udong' olubomv' olulil' inyembezi,
UMqanduli yinxil' engaphakathi,
UGoliva yingxow'okutshayela;
Sisiyangayanga, yindab' amaxhego,
Ubhityil' umnt' ohlal' engxoweni,
Ukutya kokuhamb' akuyi siswini
Kuhlal' ezinyaweni kweliphezulu,
Zekuthi ukuhla kuhle nomnqambulo.
Ngubo kaSoy' izel' amaqhinga
Kub' uyityil' ifatyi wayikhanyela,
Wayivimb' impi yaseBungeni,
Yindaba kaJoji zoKezala
Babambene ngelif' elisetyesini

Mzi kaDweb' unuk' amalongo.
Ndikhapen' ndikhapen' ndicand' ulwandle,
Ndiye kwaBomvana kowethu,
Hambani niyokufun' **iMbong' enokholwa yiyo**.
Mn' andifunwanga ndimoshiwe,
Mn' andifunwanga ndibalekile,
Hambani' nokufun' **iMbong' eyokholwa nini,**
Tumelan' umfana kokaMtoto,
OkaMtot' aye kuLudidi noWaqakata,
Ubuyil' umfana weza nelizwi
Uth' uLudidi noWaqakata balibele ziwatsha.
A! Ngangomhlaba! A! Ngangomhlaba!

3.1 Caphula umqolo OMNYE onika intsingiselo yokuba uNgangomhlaba unobungqwabalala kwimiqolo esukela kowoku-1 ukuya kowesi-4. (2)

3.2 Ngubani othetha kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.3 Chaza ukuba lutyhila ntoni uchasaniso olukwimiqolo we-18 nowama-21. (2)

3.4 Nika umxholo walo mbongo ngesivakalisi ESINYE. (2)

3.5 Ngqina uluvo lokuba imbongi iyakhalala kwimiqolo ye-16–21. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**UMYOLELO WEXHEGO – C Nqakula**

.....................................................................
Wena uphakathi kwabantu abaya kwamkela
Ukuba uya kusoloko nawe ubamamela.
Ngephanyazo uya kuzibona unenkumbula yabazali;
Xa ndisitsho, nyana wam andidlali.
……………………………………………
Ingqondo yakho mayisoloko iphaphamile,
Umphefumlo wakho usoloko uthozamile.
Maze ungasoloko ufinge iintshiyi;
Khululeka ukuze abantu bangakushiyi.

' Z' ungemi ezimbobeni ubethe imilozi;
' **Z' ungabiyingcuka** eqwengayo, ungabi lulo nokhozi.
Nyana wam, '**zube ngumkhonzi** onyanisekileyo.
Ohlakaniphileyo, othobileyo, intsika ethembekileyo.

Ndithembise kananjalo ukuba akuyi kulibala,
Ube njalo uzifaka elangonaphakade ityala,
Ngokuthi umlibale uMdali wakho,
Okunike ubomi neentsuku zokonwaba kwakho.

4.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1 onika intsingiselo yokuba unyana wexhego uya kuhlala enabo abazali nokuba uyise akasekho. (2)

4.2 Ithetha egameni likabani imbongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.3 Chaza ukuba lutyhila ntoni ngomnqweno wexhego uchasaniso olukumqolo we-10 nowe-11. (2)

4.4 Nika umxholo walo mbongo ngesivakalisi ESINYE. (2)

4.5 Ngqina uluvo lokuba ixhego lixhalabile kwisitanza sokugqibela salo mbongo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMASELE PHEZU KODONGA – MM Duka no M Sondlo**

Ewe, phezu kodonga lomlambo,
Bee dwadwalala abomlambo.
Uphume ngendlu umzi kaSele,
Kwenziwa njalo xa konakele,
Kuboniswane ngezidla usapho.

Ladum' ibandla kwahlokom' iindonga,
Kukhahlelw' inkonyana yohlanga,
Imbishimbishi enokukratsha,
Eyathetha ngeenyoka yampatsha,
Isith' iinyoka zibhejel' amasele.

Yahlala phantsi sele igwintsa,
Umqal' oluhlaza umfimfithisa.
Zagilan' iinduna ngezifuba,
Zathuthuzel' inkosi yathula.
Kwee nzwanga kungekho nosebezayo.

Vumbululu uXoxwazan' uNkonde,
Wathetha phezu kwesikhondo:
'Asikagqibi minyakana simanyiwe.
Uyise kaYoli ugwintiwe.
Ngamatatasholo amadoda akwaSele.'

Avunuka amadoda aguguma
Endumzela kwandila ugwaluma.
KwalamI'Ndun'enkulu uNdubule:
'Madoda inyaniso iyahlaba.
Masifunzeni saphela kulo mhlaba.'

Vu phantsi iNduna kad' ibilinga.
Yancin' amehlo yang' iyacinga
**Kwee thu mrhutyululu werhamba,**
**Kwaqala mcebi-cebo ukusaba**.
Yee zulumbele loo ndimbane.

5.1 Xela injongo yentlanganiso yale mini ngokwesitanza soku-1. (2)

5.2 Khankanya amalungu akwaSele abe maBINI awayezimase le ntlanganiso. (2)

5.3 Ngqina intsingiselo yesaci esithi, 'inyoka nesele' ngokubhekiselele kulo mbongo. (2)

5.4 Tyhila isigqebelo esibonakala kumazwi kaNdubule anomgca ngaphantsi kunye nakwisenzo sakhe esikwimiqolo 28-29 ebhalwe ngqindilili. (2)

5.5 Xhasa okanye uchase uluvo lokuba lo mbongo ngowopolitiko. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Phicotha indlela isimo sentlalo esiwufuthele ngayo umxholo wolwaphulo mthetho kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Wayephakathi ngoluthi, intloko yakhe ingqukuvana okwebolosana likasolontsi. Wayenamehlo amhlophe afana nakamama wakhe uNomacebiso, uMaNdungwane kodwa ngebala elikhanyayo efuze kowabo.

<u>Yena noMfuneko Mnenga babeyinyoka nesele</u>. Kaloku uMfuneko wayekhala ngokuthathelwa umntu wakhe, uHlengiwe Mdushane, nguMfezeko lo kangangokuba bakhe baphantse ukubulalana ngezikhali bembanga.

'Mfezeko, ufuna ntoni emntwini wam?' wabuza uMfuneko etyhale amehlo. Kwakukusasa beseofisini yabo. 'Ndifuna ntoni emntwini wakho? Ngumntu wakho ongubani lowo? Wabuza ebumangala uMfezeko. 'Ufuna ntoni kuHlengiwe?'

'Akayontombi na uHlengiwe le nto undibuza loo nto? Khona, ubhalwe ebunzi ukuba ngumntu wakho? 'Akunakuthetha obo bubhanxa *maan* wakugqiba ukundidla izithende *etsherini* yam!' watsho esondela kuye kancinci uMfuneko efutheka ngumsindo.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

'Into endiyaziyo mna yeyokuba kudala uHlengiwe ekwalile. Eyokuba ungafuni kwaliwa yindaba yakho leyo.' Watsho uMfezeko isandla sakhe sibambe umkhono wekati esinqeni sakhe. Wayelindele nje ukuba uMfuneko amthi cha, esithi ufuna ukumqhekeza ubuchopho azokubhadla kakuhle.
**Andikamncami uHlengiwe lo umphithikezayo. Ndicela uhlukane naye ukuba akufuni nto embi. Yamenzela umsindo uMfezeko le ntetho kaMfuneko idelelayo, ngabula yena. 'Andinakuyiva ngawe loo nto! Engekatsho yena uHlengiwe ukuba uthandana nawe andikazi kumyeka. Ungenza oyenzayo wena qha.' Watsho uMfezeko owayesethenjisiwe yintombi. 'Siza kubona ke mfana wakuthi ukuba kuza kugqibela bani na,' watsho uMfuneko …**

7.1 Xela isenzo esibonisa ukuba uMapheza unesakhono sokuphanda kule noveli. (2)

7.2 Ngqina ngezehlo eziBINI ukuba uMapheza noMfuneko bayinyoka nesele. (2)

7.3 Xela ukuba ekupheleni kwenoveli kwagqibela bani ngokwesi sifungo sikaMfuneko sibhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Nika iimpawu eziMBINI zenqanaba lengabula zigcawu ezivela kwesi sicatshulwa. (2)

7.5 Tyhila indima yomxholwana wothando ekukhuliseni umxholo wolwaphulo mthetho. (2)

7.6 Cacisa ukuba ixesha lasebusuku lilikhulise njani eli ibali. (2)

7.7 Ingaba isiphelo sale noveli sibe sisiyoliso okanye intlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

'Mfo kaZikhali, asinako ukusebenza nababulali abakwangabakhuseli bezikrelemnqa. UMfuneko noNqoza kufuneka benqunyanyisiwe emsebenzini wabo ngawo lo mzuzu lo gama sisenza uphando ngezi zityholo zixelwa nguMapheza,' watsho uNjinga. 'Liyinyaniso elo Holomi. Ukuba ngenene nangenyaniso bangabatyholwa kule nto, kufuneka senze ngabo umzekelo. Kufuneka bawazi ukuba umthetho uyasebenza nakubantu bomthetho uqobo,' wangqina ngelo uNkomo.
Ngokwenene yathi ifika imini emaqanda, wabe uMfuneko noNqoza bebethwa ngumoya elokishini. Ilishwa labo ke kukuba banqunyanyiswa ngaphandle komvuzo wenyanga ngenxa yobunyekenyeke bezityholo zabo.
'Inene uMfuneko lo unzulu,' watsho uBhadula ebona uMnenga noNqoza bephuma e-ofisini kaNjinga bemanyonywana. 'Akanelanga nje kukuba nzulu, ungcolile, ngusathana wepolisa elingcolisa inkonzo yesipolisa,' wangqina watsho uGqazana.
'Eyam ingqondo incamile namhlanje,' watsho **evuthulula izandla** uBhadula kukungabi nabhongo. 'Sisigebengakazi somfazi esiya sikaYangaphi esifanelwe kukuya kuvalelwa sodwa kwesimnyama isisele,' watsho uGqazana.
'Ufanelwe sisihogo samanz' abilayo!' wagqibezela ngelo uBhadula. Wathi nje ukuba asifulathele isikhululo samapolisa uMfuneko ukugxothwa kwabo, wacofa inombolo kanomyayi kaThantaswa emxelela ukuba iliwa libheke umoya.
'Bayive ngabani aba bantu into yokuba ubufuna ukubulala uMapheza?' wabuza exhalabile uThantaswa. 'Ndikrokrela uMapheza buqu.'
'Yena eyive ngabani njengokuba evuka ekufeni nje?'
'Andikazi okwalo mzuzu kodwa ndiza kuzama nam ukwenza uphando ngaloo nto.


WESTERN CAPE

7.8 Cacisa la mazwi athi, '... lipolisa elingcolisa inkonzo yesipolisa' ngokubhekiselele kuMfuneko. (2)

7.9 Sivuselela eyiphi ingcinga isenzo sikaBhadula esibhalwe ngqindilili? (2)

7.10 Tyhila isigqebelo esikwisenzo sokunqunyanyiswa kukaMfuneko emsebenzini ngaphandle komvuzo. (2)

7.11 Cwangcisa iziganeko ezingezantsi ngokokulandelelana kwazo kule noveli:

A Ukunqunyanyiswa kukaMfuneko noNqoza emsebenzini.
B Ukukhonjwa kukaMfuneko noNqoza nguNontsikelelo.
C Ukushiywa kukaNqoza nguThembakazi. (3)

7.12 Nika umyalezo odluliswa yile Noveli. (2)
**[25]**

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!*** **– WK Thamsanqa**

Phicotha indlela isimo sentlalo esiwufuthele ngayo umxholo wokungakwazi ukuzithathela izigqibo kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!*** **– WK Thamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Kwalile ngesiqingatha sentsimbi yeshumi lahlokoma ixesha, latsho ngentlokomo enkulu, kuba lalithiyelwe ukwenjenjalo. Ingxolo yalo yabangathi yileyo yokubethwa kwamagogogo ezilokishini ezinzulwini zobusuku xa kuphela umnyaka omdala kungena omtsha. Ngenene kwakusahlulelana ubomi obudala kuThole kungena ubomi obutsha angabaziyo, belabafileyo. Lathi ukuba litsho ixesha zatsiba kuye ezi zinto zimkhulula zimqamangela izandla zozibini ngasemva zimphamba ngeempama zimkhomba emnyango. Waqhutywa waya kukhutshelwa ngaphandle kwelokishi, yekoko ukukhweza naye ucingo besihla besiya echibini. Imizuzu yayilishumi linesihlanu ibethe intsimbi yeshumi elinanye awayeza kuphoswa ngayo emanzini. Ukususela ekubotshelelweni kwakhe endlwini umthandazo wakhe wawumnye ingothi.

**'Nkosi ukuba ndingaphuncula kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo inkulu into endingakwenzela yona, igama lakho ndingalibonga njalo.'**
Bathe xa balushiyayo ucingo lwelokishi kwabonakala ukufa kumkhweba ezantsi bunje ngamanzi echibi.

Kanye xa balushiyayo ucingo kwathi gqi umqokozo wamapolisa ngomgaqo oza ngelinye icala ukhweza ucingo olo ukhwele iibhayisikile, suka zee dungu ezi zihange zabaleka zimshiya ngemva ebotshwe izandla ngezo ntambo. Afike abuza amapolisa ukuba kungaba kuhleni na, wee cwaka engaphenduli. Amfaka iithotshi emehlweni efuna ukuqonda ukuba ungubani na; afika umfo exwebe eluthwebetshu, ubuso buyiloo nto kukudumba zimpama namanqindi. Amkhulula ezo ntambo zazisezandleni.

9.1 Xela isenzo esibonisa ukuba uThole unesakhono sokuthetha kule noveli. (2)

9.2 Ngqina ngezehlo eziBINI ukuba uThemba noSonwabo bangamaphuth' ahlath' inye kule noveli. (2)

9.3 Ingaba sazaliseka isibhambathiso esenziwa nguThole ngokwentetho yakhe ebhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.4 Nika iimpawu eziMBINI zenqanaba lokuyondelelana okanye ukujiya kwezinto kwesi sicatshulwa. (2)

9.5 Tyhila indima yomxholwana wothando ekukhuliseni umxholo wokuthatha izigqibo ezizizo uzilandele. (2)

9.6 Cacisa ukuba ixesha lasebusuku lilikhulise njani eli ibali. (2)

9.7 Ingaba isiphelo sale noveli sibe sisiyoliso okanye intlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA D**

Emva kwethuba bencokola, seziphelile neentlonana ebenazo uThozama ekuqaleni ebuyela ekumqheleni kwakhe okudala, sel'emana ukukhala ngobhuti Thole futhi, wavakala uMangaliso esithi, 'Thozama ndibuyile emfundweni owawundicebise ngayo. Ke, andiz'ukutsho kuwe ukuba umbulelo wam ungakanani na. Ungasowuzicingela. Nguwe owaziyo njengoko nam ndisazi ukuba ndinjenje namhlanje, kungenxa yakho. Njengokuba undibona nje <u>ngoku ndijongwe ngumsebenzi onzima wokondla izimvu zikaThixo, umsebenzi wokuphilisa imiphefumlo</u>. Ke kulo msebenzi andinaye umncedisi, ubungebi nguye na umncedisi wam Bhelekazi? Iinzima zam ibe zezakho? Ube yintonga yam esekhosi? Kuba ngaphandle kwakho ndifumana obu bomi bungendiyoleli.'
Emva kokuthi cwaka umzuzu uThozama kucaca ukuba uyacinga **wabonakala encuma ejonga emehlweni** kuMangaliso esithi, 'Yintoni na le ngoku uyithethayo Bhuti Thole? Uthetha ukuba nam mandibe ngumfazi womfundisi phantsi kwakho? Ndingazange ndimbone nje okanye ndive ukuba wakha wakho umfundisi womfazi uya kuqala ngam?'
'Hayi Thozama musa ukundigezela, usenokuya kugeza kwakho kwakudala? Uyaqonda nje ukuba ndimdala ngoku? Akundoyiki?' Watsho uMangaliso emjamela, phofu encumile. 'Kanti uthini na andikuva kaloku? mna ndicinga ukuba uthi mandibe ngumncedisi wakho ebufundisini,' watsho ehleka uThozama. 'Ndifuna sitshate Bhelekazi, ube ngumfazi wam sahlulwe kukufa sobabini. Umsebenzi omhle owawuwuqalile wuqabelise mntan' asekhaya.

Ukuwa nokuphakama kum ndikufumanisa kuxhomekeke kuwe, ...

9.8 Cacisa intetho kaThole ethi, 'ukuba ndinjenje namhlanje, kungenxa yakho' ngokwasebalini. (2)

9.9 Sivuselela eyiphi ingcinga isenzo sikaThozama esibhalwe ngqindilili? (2)

9.10 Tyhila isigqebelo esikumazwi kaThole anomgca ngaphantsi. (2)

9.11 Cwangcisa iziganeko ezingezantsi ngokokulandelelana kwazo kule noveli:

A Ukuthunyelwa kukaMangaliso eGeorge Goch.
B Umtshato kaMangaliso noThozama eRhawutini.
C UMangaliso wenza intetho enge'khwele nobukhwele' eSt Peters. (3)

9.12 Nika umyalezo odluliswa yile Noveli. (2)
**[25]**


WESTERN CAPE

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Phicotha indlela isimo sentlalo esiwufuthele ngayo umxholo wengcinezelo kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Kwathi merhe uvalo xa ndijika ndijonga ngqo kuloZo. Ndandingazi ukuba ndizakufika ndithini na, kodwa kuba iqhinga aliphekwa, lavela icebo lwakuvuleka ucango ekubeni ndinkqonkqoze kathathu. UMamCwerha wema waxaba emnyango wandijonga, nam ndamjonga. Loo mehlo athe gqa afana nawentombi yakhe kohluke nje ubungqebesha bomlomo njengokuba owentombi wawuncweliwe nje itsho ngemisebe ethe bhu phezu kwamehlo. Ndingekavuli umlomo wathi gu bucala endivulela umtyhi ukuba ndingene. Nam andalibazisa, ndangena kwigumbi lokuhlala ekwakungekho nto ingabengezeliyo kulo ngenxa yokucoceka.

Ixhegokazi lalatha isitulo ndachopha, lashiyeka lona limi phaya entla. Ndalibona lindiqala ezantsi ukundijonga, lenyuka nam lingangxamanga laya kundiphuma phezulu. Laphinda lawahlisa amehlo lehla nam laya kutsho ezinzwaneni, lakha lawazinzisa kulaa mkhono webrukhwe ukrazukileyo, landula ukuwaqabelisa phezu kwentloko yam amehlo, lakhangela phandle, lathula libumbe umlomo okungathi limumathe nto. Andazi ukuba ndikhuthazwe yintoni na, kodwa ndiziva sendibuza ukuba ukho na uNokuzola ngekhaya elo.

Hayi akakho mntan'am okwangoku, ndingazi ke ukuba uya kubuya nini na' ndandilindele ukubhekiswa eNdenxa, ndothuka kakhulu ndakufumanisa ukuba lo mama akasiso esi sikhohlakali abikwa sona nayintombi yakhe. Elokishini iphela uCwe wayesaziwa ngokungabi nalusini, kungekho mntu uthetha nantoni na kuye esiva.

11.1 Xela isenzo esibonisa ukuba uMfazwe ulwe ingcinezelo kule noveli. (2)

11.2 Ngqina ngezehlo eziBINI ukuba abantu abaMhlophe nabaMnyama bayinyoka nesele kule noveli. (2)

11.3 Ingaba uMfazwe waphinda wambona na uNokuzola? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Nika iimpawu eziMBINI zenqanaba lokuyondelelana okanye ukujiya kwezinto ezikwesi sicatshulwa. (2)

11.5 Tyhila indima yomxholwana wothando ekukhuliseni umxholo wokungcatshana kwabantu abaMnyama. (2)


WESTERN CAPE

11.6 Cacisa ukuba ixesha lasebusuku lilikhulise njani eli ibali. (2)

11.7 Ingaba isiphelo sale noveli sibe sisiyoliso okanye intlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA F**

'Mfundisi andizi kukuxokisela, akuzange kulunge nto. Ixhego alizange lithathe thuba lide etrongweni, lalala alavuka. Yingxelo yamapolisa leyo.Ixhegokazi lona ndiyabona alizange likwazi ukumelana nomothuko, lalandela kancinci nje emva kweveki, yintliziyo.' Njengokuba kusithiwa indoda ayilili iyangqukruleka, kum zehla ngezidlele iinyembezi. Kwandithatha ixesha elide phambi kokuba ndimbuze ezinye izinto zasekhaya uSiphiwo.

Ngaphandle kukaSiphiwo zazininzi iintwana ezazisuka kwaQaka ezinye zazo zisuka kanye eFunda, phofu uninzi lwazo ingezizo eziya zazisoloko ziphambili kwizinto ezinoqhushululu esikolweni. 'Ngooxhents'enyeleni abo,' atsho uSiphiwo ndakumbuza ngezo ntwana zazisoloko zingoondiyatsha. Omnye umfo owafika noSiphiwo nguThembekile, esenesiya isimilo sakhe soyikisayo.

'Njengokuba ungakwazi nokuthuka nje Thembekile, uza kuloyikisa njani utshaba?' Ndakha ndambuza umfo omkhulu ngenye imini.

Hayi ndiya kubona xa sendibhekene nemeko Bhut'F 'Yayiba kuphela kwempendulo yakhe leyo, umfo ongakuthandiyo ukuthetha, Kwiintwana endiziqhelileyo inguye kuphela ondibiza ngoBhut'F. USiphiwo omfutshane naye wawela imida, kodwa wanethamsanqa lokubalelwa kwabo kwathiwa mabaye kufunda ezomthetho eNgilane. **Kwisingqala endandinaso**, ndizokuthuthuzelwa kwanguSiphiwo ngelithi kungcono kutat'uNcibane ukuba liyaziwa apho likhoyo ingcwaba lakhe, ndiya kuliboniswa mini ndabuya ukuba ndide ndabuya. Kukho bona ootata nabanye abaninzi ekungaziwayo ukuba banyamelele baphelela phi, bangcwatyelwa phi. Watsho enyanisile.

Yatsho yathatha kude ukucinga ingqondo yam, ndikhumbula amahlandinyuka endihlangene nawo ...

11.8 Cacisa ukuba 'ngooxhents'enyeleni' kweentwana ngokwentetho kaSiphiwo. (2)

11.9 Sivuselela eyiphi ingcinga isenzo sikaMfazwe esibhalwe ngqindilili? (2)

11.10 Tyhila isigqebelo esikwisenzo sikaMfazwe sokutshikilela uNokuzola ngenxa yobukhwele. (2)

11.11 Beka iziganeko ezingezantsi ngokokulandelelana kwazo kwibali lale noveli.

A UMfazwe ulwa noKhonjwayo.
B UMfazwe udutyulwa emlenzeni.
C IMthontsi itshatyalaliswa ngumkhosi waseMzafrika. (3)

11.12 Nika umyalezo odluliswa yile Noveli. (2)
**[25]**

## UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### *UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye

Phicotha indlela isimo sentlalo esiwufuthele ngayo umxholo wocalucalulo kwintsomi uNongqawuse nakwisibongo esithi 'USilimela'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

### *UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana Nabanye

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**UMVUNDLA NEENGONYAMA**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, uMvundla wahamba uhambo, ufuna ukuya kubona amanye amazwe, njengoko ifanele ukwenjenjalo indoda ese inkulu. Wahamba, wahamba, wathi ngorhatya kusuku lokuqala wachola umpu, kunye nengxawa. Wavuya kakhulu umf'omkhulu kukuwufumana, waphosa egxeni, wahamba nawo. Uhambile ucanda iintsunguzi ngeentsunguzi, usinga apho ungaziyo. Kuthe ngosuku lwesibini wabona iintsiba zencanda wazichola wahamba nazo.

Emva koko wadibana noFudo luhamba ezalo iindlela. Ubulisile uMvundla kulo mfo uzicothelayo ngathi usindwa liqokobhe, lwavuma uFudo. Kwabuzwana impilo kwancokolwa kwayinto emnandi. Lwavakala lubuza uFudo imvelaphi kuMvundla lowo. Wachaza ngovuyo uMvundla wathi ukuphetha walucela uFudo olo ukuba luhambe nawo. Lukhe lwathandabuza uFudo, lusithi, 'ndingakwazi nje ukukhawuleza, singathini ukuhamba kunye sobabini?' Waphendula ngokulula uMvundla usithi, 'ayinamsebenzi loo nto, mfondini, kuba ndiya kukubophelela ngomnxeba apha emva kwam, ukuze ndikurhuqe ngolo hlobo kuzo zonke iihambo zethu. Eli cebo labonakala lilungile kuFudo olo lwaqala lwathakazela. Yeka ke, ukunduluka kwabo, beyinto enjalo yentsini **uMvundla utsalana noFudo**! Bahamba, bahamba iintsuku ezininzi, bada baya kufika kumngxuma omkhulu. UMvundla uvelise icebo lokuba bangene phakathi kuloo mngxuma, kuba kubonakala ukuba bahamba kwilizwe elinamarhamncwa amaninzi.Bangena balalisa apho.

Kwathi kanti kukho iingonyama ezininzi apho kwelo zwe, waye loo mngxuma ukufuphi nesigqubo sazo. Kwelo lizwe kwaye kungekho mivundla namafudo, ililizwe elihlalwa ngamarhamncwa amakhulu, anjengeengonyama neendlovu. Ngenxa yaloo nto ezo ngonyama zazingawazi umvundla, zingalwazi nofudo.

Zathi ekufikeni kwazo iingonyama apha ngakulo mngxuma, zeva ngevumba ukuba lo mngxuma, uhlala uze, namhlanje unesilo esithile esingaziwayo. Iingonyama zavala phambi kwawo. Ephambili kuzo ikhwaze yabuza isithi, 'usisilo sini na wena oze kusiqala kulo mngxuma wethu?' Izilwanyana ezi zozibini zeva zifile kukoyika, kodwa uMvundla wona wahle waqonda ukuba kufuneka uthethe ngobulumko ukuze basinde, bangaqwengwa ngaloo marhancwa akhohlakeleyo kunene.Waphendula ngoko uMvundla ngelizwi elizinzileyo elidokodoko usithi, 'Musani ukundikhathaza zintwanandini, ndisafuna ukulala. Ndisisilo eningasaziyo nina, esiyinkosi yazo zonke izilo. 'Zothuka kunene iingonyama kukuva intetho enje, zanqwenela ukunga zingasibona isilo esinokuba yinkosi kunazo. Yavakala enye isithi, 'usithi uyinkosi nje, kungokuba umkhulu kangakanani na? Waphendula uMvundla wathi, 'ndimkhulu ngokugqithisileyo'. Yavakala enye isithi, 'khawusixelele nkosindini, ungangendlovu?' Wahleka kakhulu umvundla, ukuyidela indlovu usithi, 'Yho! Yintoni leyo indlovu? Ifana nentakumba nje kum.' Zaqala kaloku ngoku zandweba iinkunzi zeengonyama, kwakho ezidedela phaya, zaqala zangenelwa luloyiko.

Lide lavakala ixhego lengonyama, lisithi, 'Kaloku nkosi le nto ingumlomo ayibekwa siziba. Khawenze siqonde ukuba ngenene umkhulu.

13.1 Xela isenzo esibonisa ukuba uMvundla ukrelekrele kule ntsomi. (1)

13.2 Ngqina ngezenzo eziBINI ukuba ubudlelwane obuphakathi koMvundla noFudo babubuhle kule ntsomi. (2)

13.3 Ingaba wazikhusela ngempumelelo umvundla kwiingonyama? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.4 Nika iimpawu eziMBINI zenqanaba lokuyondelelana okanye ukujiya kwezinto kwesi sicatshulwa sentsomi. (2)

13.5 Cacisa uncedo lomngxuma omkhulu ekusindiseni uMvundla noFudo. (2)

13.6 Sivuselela eyiphi ingcinga isenzo soMvundla noFudo esibhalwe ngqindilili? (2)

13.7 Ingaba isiphelo sale ntsomi sibe sisiyoliso okanye intlekele? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.8 Nika umyalezo odluliswa yile ntsomi. (2)

## ISICATSHULWA H

### NGURHULUMENTE WETHU LO!

Vi-i-i-tyo-o-o!
Nqand' ezo nkomo kwedini sigoduke!
Nqand' ezo nkomo kwedini limkil' ilanga
Nqand' ezo nkomo kwedini sizokusenga
Nqand' ezo nkomo kwedini kukud' ekhaya
Le inco yona ililelwa linkonyan' ekhaya.
Le irhwexu yona kosa seyibek' elayo inkonyana.
Ezi zilunga zona zozalis' amathunga
Ndatsho ndalamba ndilambel' **umthub' ontubululu**
Ndatsho ndalamba ndilambel' umvub' omphokoqo
Ndatsho ndalamba ndilambel' umvub' omphothulo
NguRhulumente wethu ke lowo!

Vi-i-i-tyo-o-o!
Nqand' ezo nkomo kwedini sigoduke
Andiphelelang' apha mna ndisaya kude
Bath' ooBhomoyi makhe ndithi gqi kwaNokholeji
Bath' ooMadiba makhe ndithi gqi eFort Hare!
Bath' le nt' ibubugqwetha ngathi ingandivul' amehlo!
Tyhini! kant' umntakwethu utoshalaza phantsi kweBhulu?
Tyhini! kanti udade wethu utatsalaza phantsi kwedla-gusha?
Tyhini! Mandivul' iincwadi ndiphand' iindlela zokumtsala
Ndivul' iincwadi nditsal' owakuth' umntu**!**
NguRhulumente wethu ke lowo!

13.9 Khankanya imibala emiBINI yeenkomo ekwisitanza soku-1. (2)

13.10 Chaza ukuba kuqaqambisa ntoni ngexesha ukuphindaphindwa kwebinzana elithi, 'Nqand'ezo nkomo kwedini sigoduke!' kwimiqolo 2–5. (2)

13.11 Nika umfanekiso ngqondweni ozotywa libinzana elingqindilili kumqolo wesi-9. (1)

13.12 Chaza isakhiwo sangaphandle sesitanza sesi-2. (2)

13.13 Xela ingcinga evuselelwa yimiqolo yama-21–22. (1)

13.14 Myalezo mni odluliswa sisitanza sesi-2? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Ababhali bagqamisa iimpazamo ezenziwa ngabalinganiswa xa bedlulisa imiyalezo yabo. Ngqina ubunyani bolu luvo ugxile kuMaGaba noZwilakhe kunye noNomaMpondomise noGugulethu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Noko bobawo le ndawo yokubona bendinicela ukuba niyiyekele kum, ningade nixambulisane ngayo kakhulu. |
| UNYANISO: | Ucela ukuba uzibonele? |
| UGUGULETHU: | Ewe bawokazi. |
| NYANISO: | Wazini wena ngomfazi? Uyazazi iimpawu ezifunekayo emfazini, nokuba nje ufuna intombi ezidlele zibomvu? |
| UGUGULETHU: | Ayizo zidlele ezibomvu bawokazi. |
| UNYANISO: | Into ekunayo? |
| UGUGULETHU: | Ndifuna ukuzikhethela intombi endiyithandayo nokuba iliso linye, ndiyazazi izinto ezifuneka emfazini. |
| UNYANISO: | Ziinto zini ezifuneka emfazini? |
| UGUGULETHU: | Isimilo, ukudibana kwezimvo kumfazi nendoda yakhe njalo njalo, kanti ke kwezo nto, luthando imbalasane. |
| UNYANISO: | Ke uqonde phi ukuba asizi kukhethela intombi enezi zibakala uzibekayo? |

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Inganazo, kodwa ke ukuba andiyithandi, zonke ezo nto ngamampunge. |
| UNYANISO: | Utsho ke umfana zidwesha. |
| UZWILAKHE | Utsho, ke nina nithini? |
| UMTHETHO: | Noko mna bendivuma mawethu; andazi ke nina nokuba nithini na. Xa nditshoyo andinqandi luvo lwenu. |
| UZWILAKHE: | Noko ke mawethu xa kunje ndingxamele ukuba liyilo. Ndingxamele ukuba liyilo xa inguwe kanye mfo kabawo Mthetho lo uvumela into elolu hlobo, usithi umfana makazibonele umfazi akholwe nguye, ibe izolo oku bekutshata umfana wakho, umfana wakho oyibonelwe nguwe intombi. **Kutheni na nto zakuthi ngathi nifuna ukuwona nje lo mzi kaBhungane? Lisiko enakha naliva phi elo apha eMaHlubini, eli lokuba umfana azibonele umfazi ooyise bekho bengafanga?** |

15.1 Nika iimpawu eziMBINI zedrama ezibonakala kwesi sicatshulwa. (2)

15.2 Chaza iingcamango eziMBINI ezidala impixano kulo mdlalo. (2)

15.3 Xela isizathu asibekayo uGugulethu xa efuna ukuzikhethela umfazi. (2)

15.4 Chaza indima edlalwe nguMthetho kule ngxubakaxaka ikulo mdlalo. (2)

15.5 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

15.6 Nika injongo kaZwilakhe ngemibuzo ebhalwe ngqindilili. (2)

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Akuphuphi mfo kaMqubuli, ophuphayo ngosebuthongweni. Asimbono waye ungalami nokwalama. Zizidumbu zabantu ezi ziqungquluze apha. Ligazi labantu eli limpompozayo liphuma emanxebeni. Bona! Bona nalo lingumqukuqela ukuya kuphuma emnyango. Mfondini yini na ukuba ume ulibazise? Akundiqhubi ngani na? Ndiqhube! Ndiqhube undise kwabomthetho, ngoku ndijonge kwinkalo yokugqibela, **angxamele ukufezwa amadinga, ndanele ziinto zomhlaba**, kungcono ndishenxe kuwo ndiwushiye. Nokokuba ndiya phi na ke kwazi Ophezulu. Nokuba ndiya kwesibomvu nguye owaziyo, nguye oya kwahlula. Mfondini ndiqhube! Ndiqhube! *(Uyaphuma uBaleni)* Liyaduduma! Liyaduduma! *(uthetha yedwa)* Namhla iintambo ziyafinyezwa. Kowu! Kazi uphi na ubawo ngezi mini akhe abone imisebenzi yezandla zakhe. NomaMpondomise! NomaMpondomise! Ndiyeza sithandwa! Ndiyeza! Akwaba bendothi ndihlale ekunene kwakho kwelo lizwe lizayo. *(Kufika amapolisa)* |
| USAJINI: | Awu Mnumzana Zilindile, yini le ndiyibonayo? Kwenzeke ntoni? Bekutheni? |

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Buzani kubawo. |
| USAJINI: | Simelwe kukuthini ke xa kunje? |
| UGUGULETHU: | Nimelwe kukwenza umsebenzi wenu. |
| USAJINI: | Hamba ke sihambe. |
| UGUGULETHU: | Nantso ke indlela. Kuyiwa phi ke ngoku? |
| USAJINI: | Kumantyi. |
| | *(Phambi kwemantyi)* |
| UMANTYI: | Gugulethu inkulu into oyenzileyo. |
| UGUGULETHU: | Uxolo mantyi, wenza ntoni ngoku? |
| UMANTYI: | Ndizama ukuphanda ngeli tyala. |
| UGUGULETHU: | Uyabona ke ndiza kukuxelela le nto. Eli tyala alikufanele, yaye lingafanele nawuphi na umntu apha emhlabeni. Mnye umntu ongade afane alizame naye asilolakhe ... |

15.7 Chaza intsusa yengxoxo ekwisicatshulwa. (2)

15.8 Isityhilela ntoni ngesimo sengqondo sikaGugulethu intetho yakhe evula esi sicatshulwa? (2)

15.9 Nxulumanisa ngeengongoma eziMBINI imvelaphi yala mazwi kaGugulethu angezantsi nokwenzekileyo ebalini.

'Kazi uphi na ubawo ngezi mini akhe abone imisebenzi yezandla zakhe.' (2)

15.10 Azisa ntsingiselo ni amazwi abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa? (2)

15.11 Nika imfundiso esiyifumana kwizigqibo zokubulala abazithathileyo uGugulethu noNomaMpondomise kule drama. (2)

15.12 Ngqina ukuba indlela alilwele ngayo isiko uZwilakhe kule drama imthobe isidima kumawabo nakwisizwe siphela. (2)
**[25]**

## UMBUZO 16: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Ababhali bagqamisa iimpazamo ezenziwa ngabalinganiswa xa bedlulisa imiyalezo yabo. Ngqina ubunyani bolu luvo ugxile kuMamQhinebe noMaGatyeni kunye noMaqhikizane.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

*(Kungorhatya. Kusezilalini. USirhezu noSiphokazi badibene, bathethela ezantsi kwegadi.)*

SIRHEZU: Sithandwa masithethe into ephelayo kaloku. Yhini Mpafana omhle?

SIPHOKAZI: Sirhezu ndicela ukuba ukhe undimele sithandwa sam. Asiyonyewe ilula le.

SIRHEZU: Ndikumele kude kube nini Siphokazi? Uyakhumbula ukuba kunini ndikumela?

SIPHOKAZI: Noko masilinde Sirhezu kude kubekho omnye umntwana wasekhaya ophumelele ibanga leshumi.

SIRHEZU: Yintsomi emini ke yona leyo, kuba kaloku uya kuthi asakubakho, uthi masimlinde aqale asebenze.

SIPHOKAZI: Andinakutsho *lovey*. Ndenzela ukuba umama abe nomnye umntu anokuthembela kuye xa mna ndiya kuba ndisiya emzini.

SIRHEZU: Andiyingenanga kwaphela le uyithethayo Siphokazi. Ndifuna ukutshata nawe kulo uphezulu unyaka.

SIPHOKAZI: Kulungile ke Sirhezu, ndiphe nje iveki ibenye khe ndiyicingisise okokugqibela le nto.

SIRHEZU: **Ngelipheleleyo uthi mandikunike iveki yonke uye kucinga amanye amaqhinga okuchitha le ndlwana ndizama ukuyakha?**

SIPHOKAZI: Hayi akunjalo sithandwa sam.

SIRHEZU: Akunjalo, kunjani? Ndiyayazi le nto ndiyithethayo. Kudala ucela amathuba angapheliyo okucinga into enye engenamsebenzi.

SIPHOKAZI: Akunakutsho ukuthi ukucinga ngokuzimanya ngeqhina lomtshato yinto engenamsebenzi Sirhezu.

SIRHEZU: Kulungile ke ndiyakunika loo veki uyifunayo. Kodwa ke uze wazi kakuhle Siphokazi ukuba andisayi kuphinda ndikunike elinye ithuba.

SIPHOKAZI: Ewe.

SIRHEZU: Kanti ke yena umntwana oyintombi akabalibali abakhe abazali naxa sele esemzini.

SIPHOKAZI: Ndiyabulela sithandwa.

17.1 Nika iimpawu eziMBINI zedrama ezibonakala kwesi sicatshulwa. (2)

17.2 Chaza iingcamango EZIMBINI ezidala impixano kulo mdlalo. (2)

17.3 Xela isizathu asibekayo uSiphokazi sokufuna ithuba phambi kokuthatha isigqibo sokutshata noSirhezu. (2)

17.4 Chaza indima edlalwe nguSiqhiwu kwingxubakaxaka yezinyobo ekulo mdlalo. (2)

17.5 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

17.6 Nika injongo kaSirhezu ngombuzo obhalwe ngqindilili. (2)

## ISICATSHULWA L

| | |
|---|---|
| MAGRAZULA: | Uza kuhamba engomnye umntu apha. Sinayo imithi yokufakela isibindi kwabo bathi baba nelishwa lokuzalwa ngaphandle kwaso. Akunjalo na Dlezinye? |
| DLEZINYE: | Thole lesilo! Yinyaniso leyo Mhlekazi. Yinyaniso emsulwa leyo. |
| MAGRAZULA: | Khawuthathe le mpahla siyiphathelwe ngala magorhakazi Dlezinye, uye kuyibeka endaweni yayo. |
| DLEZINYE: | Ndabezitha *(kuMamQhinebe)* Zis'apha Qhinebe *(Athathe usana)* Kwowu! Ingathi isentsha kunjalo nje le mpahla Magrazula. |
| MAGRAZULA: | Yile ifunekayo kanye ke leyo. Kaloku impahla entsha yenza izinto zibe ntsha, zihlaziyeke Dlezinye. |
| DLEZINYE: | Aa Magrazula! Yinyaniso leyo Mhlekazi. Yinyaniso emsulwa leyo. |
| MAGRAZULA: | MamQhinebe, ndifuna uncedise uDlezinye lo **ningenise uMaGatyeni lo ekhaya**. |
| DLEZINYE: | Mhlekaz'omhle! |
| MAGRAZULA: | Ndifuna afuthe kathathu ngemini, agabhe yonke imihla, ahlanjwe ngenqwebeba yonke imihla ukukhala kweenkukhu zokuqala. Ndifuna ke aye kuhlanjelwa phaya esizibeni. |
| DLEZINYE: | Siya kwenza njengoko unqwena Thole lesilo, lisisilo ngokwalo. |
| MAGRAZULA: | Ndifuna ubutyutyusi obu ubushiye apha bonke. Emva kweentsuku ezintandathu ke, kuya kufuneka nize naye kum ndize kumqinisa ngokwam. Ndiyavakala? |
| DLEZINYE: | Ndabezitha! Uvakala kakuhle kunjalo nje Mhlekazi. |
| MAGRAZULA: | Emva kokuba ndimqinisile, niya kumthabatha nimse phaya esizibeni aye kubonana noMagqwirh' ayaqhubana, esona silo sikhulu kwezalapha ekhaya. |
| DLEZINYE: | Awu! UMagqwirh'ayaqhuban'ukubhek'eBhijolo! |
| MAGRAZULA: | Emva koko ke, niya kumthabatha nimse phaya enzulwini yehlathi, apho aya kubonana khona noBantu-baza-kuthini. |

17.7 Chaza intsusa yengxoxo ekwisicatshulwa ngale mini. (2)

17.8 Ityhila ntoni ngobudlelwane indlela ambiza ngayo uDlezinye uMagrazula kwesi sicatshulwa? (2)

17.9 Nxulumanisa ngeengongoma eziMBINI imvelaphi yala mazwi kaMagrazula angezantsi nokwenzekileyo ebalini.

'... le mpahla siyiphathelwe ngala magorhakazi ...' (2)

17.10 Lizisa ntsingiselo ni ibinzana elibhalwe ngqindilili ngokwesi sicatshulwa? (2)

17.11 Nika imfundiso efumaneka kwizigqibo zokuba abantwana ezithathwe nguMamQhinebe noMaGatyeni kule drama. (2)

17.12 Ngqina ukuba kumthobe isidima uMaqhikizane ukunyobisa kule drama. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**